basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

CANZIBE/SILIMELA 2026

AMANQAKU: 70

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha asi-8.

QAPHELA

- Esi sikhokelo sokumakisha senzelwe ukuba sibe sisikhokelo kubamakishi.
- Asenzelwanga ukuba sibe ngummiselo ogqibeleleyo.
- Iimpendulo zabafundi mazithathelwe ingqalelo ngokokuchaneka kwazo.
- Iimpendulo mazihlolwe ngokupheleleyo namanqaku anikezelwe apho kufuneka anikezelwe khona ngokwezigqibo ezithatyathwe kwintlanganiso yokubeka umakisho emgangathweni.
- Isikhokelo sokumakisha siya kuxoxwa phambi kokuba kuqalwe ukumakisha.

IMIYALELO KUBAMAKISHI

Umakisho lwesicatshulwa sokuqonda:

- Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqonda, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zezivakalisi zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. Iimposiso ezikhoyo maziqatshelwe ngokukrwelelwa.
- Kubaviwa abasebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Ngokunjalo ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lusetyenziwe kwitekisi kwaye impendulo ifuna elo gama, oko kwamkelekile.
- **Kwimpendulo apho ziliqela iimpendulo ezichanekileyo** akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.
- AKUNIKWA manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANI/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.
- Apho kulindeleke iimpendulo ezigama linye aze umviwa anike isivakalisi, nika amanqaku **ukuba ngaba** igama elifanelekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi okanye ligqanyisiwe.
- Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, aze umviwa adwelise uluhlu lweempendulo, makisha **kuphela** ezimbini/ezintathu zokuqala.
- Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, makwamkelwe zombini, ukutsho oko unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokuzeleyo.

ICANDELO A: ISICATSHULWA

UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

1.1 Lusuku lwangeCawa lokuqala kwinyanga yeThupha.√ (1)

1.2 Luphawu lokubamacala amabini kobuhlobo.√ (1)

1.3 Sibungqina ngokubuchaza njengemo yemvisiswano.√(Umviwa angabalula enye kolwaa luhlu lubalwe kwisichazimagama.) (1)

1.4 Buchazwa njengemo kuba asilovakalelo oludlulayo.√/asilonxulumano lwexeshana koko yimo enozinzo.√/yimo eqhubekayo yokuthembana okumacala√/yimo yokuqondana/ ukuqondana√/ yimo yokuqhogana/ ukuqhogana phakathi kwabantu.√
[Nayiphi enye kwezi.] (1)

1.5 Zezokuxhasana√/zezokunxulumana rhoqo√/ ukunxibelelana rhoqo√/ zezokuzinikela√/ zezokuma kunye kwimingeni yobom√/ zezokuzinikela kwimingeni yokuhlala.√
[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)

1.6 Abancedanayo.√√/abaxhasanayo.√√ (2)

1.7 Yinyani, nanjengoko inyani iyinto engenakuphikiseka, enobungqina obuphononongiweyo nokuba umntu angayokhangela ufika injalo. √/kuba ngokwalo mhlathi zikhona iindidi zobuhlobo ezikhankanyiweyo.√
[Nayiphi kwezi] (2)

1.8 B/B Ungumntu omthanda kakhulu/Ungumntu omthanda kakhulu.√ (1)

1.9 Ndiyangqina kuba kulo mhlathi lo umntu ubebhala ucinga ukuba enyongweni kusendaweni ahlala kuyo umhlobo kwaye yena wazi inyongo elilungu lomzimba nokukrakra kwayo.√√ (2)

1.10 'uthanda ungathandi.'√ (1)

1.11 Bubuxoki kuba ngokwalo mhlathi kuthiwa ngokungena nje kubuhlobo uzikhethele ungazikhethelanga ubanoxanduva.√√ (2)

1.12 Isiduko sidlala indima yokukwenza ubeyinxalenye kwikhaya lamathile ngeli xesha ifani isenokukukhupha kuba isenganesiduko esahlukileyo.√√ (2)

1.13 Ndiyavumelana kuba ukubizana ngeziduko kukona kumenza azive ehloniphekile obizwayo ekwazimanya namathile abizwe ngesiduko sawo/ Sithambisa intliziyo/sithoboze umoya. √√

OKANYE

Andivumelani kuba xa umntu obizayo engasichani isiduko uyawuphazamisa umoya.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo.] (2)

1.14 (a) mlanya/sibali. √ (1)

(b) mlanyakazi/sibalikazi.√ (1)

1.15 Amaqabane √/abalandeli beqela lomdlalo.√/ Abatshatileyo.√
(Nayiphi na impendulo emele amafelandawonye.) (1)

ISICATSHULWA B

1.16 (a) Isenzo abasenza kunye kukuphatha iibhodana√/kukunxiba iibhulukhwe.√
(b) Isenzo abangasenzi kunye kukugquma/ ukuveza ubuso ngeebhodana abaziphetheyo.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

1.17 Ubufelandawonye bubuhlobo obenzeka ngenxa yokuxabisa into enye kunye. Emfanekisweni uEsi ubonakalisa ukutenxa okumenza angabilofelandawonye ngenxa yokuba akazigqumanga buso ngebhodana efana nezabanye.√√/eyakhe inophawu olungu'X' ngeli xesha abanye bogqume ubuso ngeebhodana zabo ezinophawu olungu√'.√√ (2)

1.18 Icebiso elinokuqinisekisa ubuhlobo obuluqima kukufundisa abantu ngokuthatha uxanduva kubuhlobo okanye ngokubaluleka kokulandela imigqaliselo yobuhlobo.√√ (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA NGAWAKHO AMAZWI

Sebenzisa ezi ngongoma zingundoqo zilandelayo ekufuneka zibandakanywe ngabaviwa kwisishwankathelo **njengesikhokelo**.

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaliseni iingongoma ezingundoqo.

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

Naziphi iingongoma ezichanekileyo ezisi-7 ezibhalwe ngokomhlathi mazimakishwe. (Izivakalisi mazinamathelane.)

UCAPHULO			IINGONGOMA
1.	'Akuthandabuzeki ukuba wakwangeza olunye ulwimi wangeza isigama solwimi olutsha kwanemithetho yokusetyenziswa kwalo kutsho kuloleke kukhuliseke namandla engqondo.'	1.	Ukufunda olunye ulwimi kwandisa isigama nemigaqo yokusetyenziswa kwalo komeleze nengqondo.
2.	'Kungaliyeza ukufunda ulwimi olutsha kwingxaki yokungakwazi ukumilisela ingqondo kwizinto abazenzayo.'	2.	Kungakunceda ukufunda olunye ulwimi kwimingeni yokungakwazi ukuzinzisa ingqondo kokwenzayo.
3.	'Kubantu abafunde iilwimi ezingaphezulu kwesinye ayongezeka amathuba okufumana imisebenzi.'	3.	Ukufunda ezinye iilwimi kukuvulela amathuba empangelo.
4.	'Ukufunda ulwimi lwesibini kuyenza ingqondo iphaphe ihlale isamkela okutsha.'	4.	Ulwazi lolwimi lwesibini lulola ingqondo isoloko ilungele ukwamkela okutsha.
5.	'Ukufunda ulwimi olutsha kulola kanye esi sakhono sokukhumbula.'	5.	Kuncedisa ingqondo ibe bukhali ngakumbi kubelula ukukhumbula.
6.	'Iphucuka ngakumbi indlela azijonga ngayo xa ezithelekisa nabanye abathetha olo lwimi xa ekwazi ukuncokola nabo ngalo.'	6.	Ukukwazi ukuncokola nabantu bolunye ulwimi kuncedisa ukuzithemba xa uthetha nabo.
7.	'Ukwazi ulwimi lwesibini akuphuculi indlela ozijonga ngayo kuphela kunyusa nezinga lobugcisa.' **[80 amagama]**	7.	Ukufunda olunye ulwimi akuphuculi indlela ozijonga ngayo kuphela kunyusa nezinga lobuchule bokwenza. **[63 amagama]**

UKUBHALWA NGOKOMHLATHI

QAPHELA: Oku kulandelayo ngumzekelo nje kuphela. Akungommiselo kwaye makusetyenziswe ngobuchule.

UMHLATHI

Ukufunda olunye ulwimi kwandisa isigama nemigaqo yokusetyenziswa kwalo komeleze nengqondo. Kungakunceda ukufunda olunye ulwimi kwimingeni yokungakwazi ukuzinzisa ingqondo kokwenzayo. Ukufunda ezinye iilwimi kukuvulela amathuba empangelo. Ulwazi lolwimi lwesibini lulola ingqondo isoloko ilungele ukwamkela okutsha. Kuncedisa ingqondo ibe bukhali ngakumbi kubelula ukukhumbula. Ukukwazi ukuncokola nabantu bolunye ulwimi kuncedisa ukuzithemba xa uthetha nabo. Ukufunda olunye ulwimi akuphuculi indlela ozijonga ngayo kuphela kunyusa nezinga lobuchule bokwenza.

[63 amagama]

Ukumakisha isishwankathelo:

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni kuphela iingongoma ezingundoqo.

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo lwamanqaku**
    - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7 (inqaku ngengongoma nganye).
    - Amanqaku ama-3 olwimi.
    - Amanqaku ewonke: 10.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
    - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1 lolwimi.
    - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2 olwimi.
    - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3 olwimi.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abaviwa becaphule ngqo.**
    - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: akunikezelwa manqaku olwimi.
    - 4–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: nikezela inqaku libe-1 lolwimi.
    - 2–3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: nikezela amanqaku abe ma-2 olwimi.

QAPHELA:

- **Ubalo-magama**
    - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
    - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umviwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
    - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kuma ekupheleni kwesivakalisi eliphele kuso inani eliqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

Umakisho lweCANDELO C:

- Upelo
  - Iimpendulo ezinegama elinye mazimakishwe nokuba upelo lugwenxa, ngaphandle kokuba isiphene sitshintsha intsingiselo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo upelo olugwenxa malunyityelwe amanqaku ukuba impazamo ikwimigaqo yolwimi oluhlolwayo.
  - Xa kuhlolwa izifinyezi impendulo mayibonakalise ukusetyenziswa kweziphumlisi ngokuchanekileyo.
- Ulwakhiwo kwizivakalisi malubhalwe ngemigaqo yegrama echanekileyo nangezivakalisi ezipheleleyo/ngokomyalelo.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

3.1 Ngokubhala ngokuzixuba iifonti √/kusetyenziswe ifonti egosogoso√/ifonti etyebileyo√/oonobumba abakhulu√/ifonti ekekeleyo.√ [Nayiphi kwezi] (1)

3.2 B/Yimini yomthengi yokufumana umvuzo/Yimini yomthengi yokufumana umvuzo.√ (1)

3.3 Ngabantu abathanda i*peanut butter*√ benemali/bephangela.√/Abamizimba idiniweyo√/abamizimba iphelelwe ngamandla√ bephangela. √ (2)

3.4 Ibinzana elithi, ukususela ngo1926.√√ (2)

3.5 Ukrobisa kwinzuzo√ xa isibhengezo sisithi yibanamandl' e*Black Cat* sithetha ukuba wakuthenga *iBlack Cat* Peanut Butter ufumana amandla afana nawale kati.√ (2)

3.6 Ndiyangqina ukuba umfanekiso uyasebenzisana namagama kuba umfanekiso wekati ethe qabavu, enamehlo abukhali √√/nahlakaniphileyo, ethe nta namabhovu ngathi ilungiselele ukutaka ukhatshwa sisigama esincedisayo esithi yibanamandl' e*Black Cat* atsho nabani awanqwenele, afune le mveliso.√√

OKANYE

Andingqini ukuba ikhona intsebenziswano kuba umfanekiso wekati emnyama ukwangumqondiso wokubi kwizizwe ezithile ngoko ke nokuba isigama sithi la mandla afunekayo ngawekati emnyama bayoyika ukuzibona besayanyaniswa nobubi eyaziwa ngabo ikati emnyama/ yokuba ne*Black Cat Peanut Butter* emakhaya.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo.] (2)
[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

4.1 'sowuphinde'.√ (1)

4.2 Ngokuphindaphinda ibinzana, 'Thina bafazi'.√√ (2)

4.3 Kuni madoda.√/Thina bafazi.√ (2)

4.4 Uyigqamise ngefonti enkulu engqindilili imbono yakhe equlethe uluvo olubethelelekileyo.√ (1)

4.5 Kumfanekiso basondelelene uVeza ujamile, uLiku ukhamise kakhulu ngathi uyamgragramela uVeza, kwincoko yabo omnye uyatyhola ngeli xa omnye esusa ityala kuye.√√/ Amagama uLiku awasebenzisayo awamlungiseleli uVeza ayamnyanzelisa. √√ (2)

4.6 Ndiyangqina kubaxekile kuba ukuthi sowuphinde kunika intsingiselo yokuba ukhawulezile ukuzenza kwakhona iinwele zakhe uLiku ngakumbi xa imali ezenziwa ngayo iphezulu kangangama-R2000.√√

OKANYE

Andikungqini ukubaxeka kuba kusenokuthi kanti iinwele uzitshintsha kuba kukho umcimbi aya kuwo uLiku√√/ akubaxekanga kuba imali engama-R2000 eerandi ihambelana nohlobo lonwele alusebenzisayo olukwamfanele uLiku√√/ Ukuthi sowuphinde, kusenokuqhutywa nje kukukruquka kukaVeza ingekuba ubesandul'ukuzenza.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)
[10]

UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Uphawu.√ (1)

5.2 Ngathi.√ (1)

5.3 malunga nento eyenziwe ngayo ibhrukhwe.√ (1)

5.4 Ndiyaxhasa kuba igama u'besonga' lingathetha ukuyigoba okanye ukuyifonya uyenze ibencinci imali ngokwesayizi.√√ (2)

5.5 Bubuxoki kuba babengathethi, yabanika isizathu sokuya kuyithenga ibhrukhwe/yabenza baya kuthenga ibhrukhwe.√ (1)

5.6 Emva kwexesha.√ (1)

5.7 Ukuqina.√/ukomelela.√ (1)

5.8 Ii*jean* zeLevi zithandwa kakhulu ngabantu kuba/ngokuba/ngoba/ kwaye/ kananjalo zomelele.√√/Ii*jean* zeLevi zithandwa kakhulu ngabantu ngenxa yokomelela.√√/Ii*jean* zeLevi zithandwa kakhulu ngabantu ngenxa yokuba zomelele.√√ (2)
[10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70